

UVAVANYO LWEMPEMBELELO KOKUSINGQONGILEYO

Iprojekthi Yamanzi yaseMzimvubu

Incwadana Yeendaba yesi-3 / Julayi 2014

Imisebenzi Eyenziwego kunye Nokusele Kuphunyeziwe Ukuza Kufikelela Apha

Sele sigqityiwe iSigaba Sokuhlela Umsebenzi njengenxalenye yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo IweProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu. INgxelo Yokugqibela Yokuhlela Umsebenzi yangeniswa kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ngomhla we-13 Juni 2014 ukuze yamkelwe yaza ngenene yamkelwa ngomhla we-15 Julayi 2014 ngaphantsi kwemiqathango ethile.

Konyulwe i-ILISO Consulting (Pty) Ltd ukuba ibe yiyo eyenza uVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo IweProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu neyathi yaqala ekuqaleni kuka-2014. Le Projekthi Yamanzi yaseMzimvubu yathi yaziswa ngokusesikweni nguMongameli uJacob Zuma kumsitho wokuphethulwa kwesoyi owawungomhla we-11 Ephreli 2014. Nangona kulindeleke ukuba ukwakhiwa kuqale ngoNovemba lo siya kuye, oko kuxhomekeke ekufumaneni isigunyaziso kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ngokunxulumene nokusingqongileyo.

UVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo lunezigaba ezithathu ezizezi, iSigaba Sokuhengeza, iSigaba Sokuhlela Umsebenzi kunye neSigaba soVavanyo Lwempembelelo ngaphambi kokuba iSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo likwazi ukwenza isigqibo ngokuphathelelele kukukhutshwa kwesigunyaziso.

KwiSigaba Sokuhengeza kulapho iqela elijongene neprojekthi le lathi laya kwisiza esi eMpuma Koloni ukuze likwazi ukuqhelana liyazi banzi indawo le, kwaqulunqwa uXwebhu Oluqulethe Ulwazi Lwangaphambili, kwaze kananjalo kwachongwa amaqela achaphazelekayo. Kwafakwa isicelo kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo, nalapho kwathi kwafunyanwa iinombolo zereferensi kwaze kananjalo konyulwa igosa leprojekthi eliza kujongana nale projekthi ngaphambi kokuba kuqalise iSigaba Sokuhlela Umsebenzi.

KwiSigaba Sokuhlela Umsebenzi kulapho kwathi kwaqulunqwa kuso INgxelo Yokuqala Yokuhlela Umsebenzi neyathi yafumaneka kubo bonke abantu ukuze bakwazi ukungenisa izimvo zabo, kwababanja intlanganiso zokuqala zikawonke-wonke kwiindawo ezibandakanekayo kwaze ke emva koko kwangenisa iNgxelo Yokugqibela Yokuhlela Umsebenzi kwiGosa leProjekthi leSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo.

Isigaba sokugqibela **siSigaba soVavanyo Lwempembelelo**. INgxelo Yokuhlela Umsebenzi sele yamkelwe liSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ngoko ke kuza kuqala isigaba soVavanyo Lwempembelelo ngoku. Esi sigaba ke siza kuquka uphando olwenziwa ziingcali, ukuphinda kwakhona kunikwe uluntu ithuba lokuthatha inxaxheba kunye nokungenisa kweNgxelo Yokugqibela yoVavanyo Lwempembelelo kokuSingqongileyo kwakunye neNkqubo Yolawulo lokusiNgqongileyo kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo. Emva koko ke iSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo liza kuqwalasela ingxelo le kuze xa kufanelekileyo linikezele ngeSigunyaziso Ngokunxulumene nokusiNgqongileyo. Ukwakhiwa kuya kuqala kuphela ukuba ngaba sifumanekile esi sigunyaziso.



Ingxelo Malunga Nophando Lokuqwalasela Amathuba Okuphumelela kweProjekthi

Incwadana yeendaba yokugqibela yayipapashwe ngoSeptemba 2013, nalapho kwakunikwa ingxelo malunga neziza zophuhliso zamadama

ezingasetyenziswa ezili-19 nezazithe zachongwa kuphando olwalwenziwe ngaphambili, kwakunye nezisa ezithathu ezibonakalisa amathuba aphezulu

okufezekisa iimfuno ezithile (ukutsho oko unikezelo lwamanzi asezindlini, ulimo olunkcenkceshelwayo kune noveliso lombane), nezizezi, isiza saseThabeng, esaseSomabadi, nesaseNtabelanga. Kwaphindwa kwanikezelwa ngeenkucukacha ezingaphezulu malunga novavanyo lwamathuba oveliso lombane kwaze kwachazwa ukuba isiza seDama laseNtabelanga iza kuba siso esinethuba elingcono njengoko sinokusetyenziswa ndawonye nesibonelelo soveliso lombane nesasichongwe yinkampani yakwa-ESKOM ngaphambili.

Ngoko ke iNtabelanga yaba sesona siza sikhethwayo lwaze laqalisa uphuhliso IweSibonelelo Esihlangeneyo seNtabelanga-Lalini (**Umboniso 1**). NgoFebruwari 2014

konyulwa ILISO Consulting (Pty) Ltd ukuba igqibezele uVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo IweSibonelelo Esihlangeneyo seNtabelanga-Lalini, kuquka amadama kune nolwakhiwo olunxulumenyo (imibhobho yamanzi emikhulu nemincinci, izikhululo zokumpompa amanzi, amachibi, imisebenzi yokucoca inkunkuma emanzini, imisebenzi yokucoca amanzi, izikhululo ezilawula ukuhamba kwamanzi, iindawo zokuhlala abasebenzi kune namaziko okunikezela ngolwazi), ukuphuculwa kweendlela kune nezixhobo zoveliso lombane. La macandelo alandelayo abonisa iinkcukacha malunga nenqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo ukuza kufika ngoku kwakunye noko kusaza kwenzeka.




Figure 1: Imephu yendawo ebonisa iDama laseNtabelanga nelaseLalini

ISigaba Sokubhengeza: Yintoni eyenziwayo?

Ngesigaba sokubhengeza kwaye kwaziswa uluntu malunga neProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu. Oku kwakuquka:

- Intlanganiso engaphambi kokufakwa kwasicelo neyayibanjelwe kwii-ofisi zeSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ePitoli ngomhla wama-25 Matshi 2014. Injongo yale ntlanganiso yayikukwazisa iSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo malunga neprojekthi le, kuze kuvunyelwane malunga nenqubo ekucetywa ukuba ilandelwe kwakunye nemisebenzi kunye noxanduva olunxulumene noko;
- Ukutyelewa kwsiza liqela leprojekthi nokwathi kwenzeka ngoMatshi 2014 ukuze iqela eli leprojekthi liziqhelanise nendawo engqongileyo;
- Ukungeniswa kweefomu zezielo kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ngomhla wama-31 Matshi 2014 laze ke iSebe lanika iprojekthi le iinombolo zereferensi. Ngenxa yamacandelo awohlukaneyo ale projekthi kwaye kwacetyiswa ukuba kubekho iinombolo ezintathu ezahlukaneyo zereferensi ukwenzela imisebenzi eyahlukaneyo:
 - **14/12/16/3/3/2/677** (Amadama kunye nolwakhiwo olunxulumene noko);
 - **14/12/16/3/3/2/678** (Ukuveliswa kombane); kunye
 - **no-14/12/16/3/3/1/1169** (lindlela).
- Incwadi echazela Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo malunga nesi sicelo sogunyaziso ngokusingqongileyo, kwakunye nezicelo zeMvume Yokusetyenziswa Kwamanzi, iimvume zezinto ezingamagugu esizwe, kwakunye nokwamkelwa kweendawo ekuza kombiwa kuzo yathunyelwa kumaqela achaphazelekayo abhalisileyo;
- Konyulwa abaqquzeleli ababini abangabalapho kwindawo leyo yophando ngokusebenzisana kunye neenkoheli zemveli zasekuhlaleni ukuze bancedise kwinkqubo yokuthathwa kwenxaxheba luluntu;
- UXwebhu Oluqulethe Ulwazi Lwangaphambili, olufumaneka ngesiNgesi nangesiXhosa, lathunyelwa ebantwini nge-imeyile, labekwa kwiwebhsayithi yeSebe Lemicimbi Yamanzi aze

amaxwebhu alo aprintiweyo asasazwa ngoncedo labaququzeleli aba bendawo kwakunye nakwiintlanganiso zikawonke-wonke. UXwebhu Oluqulethe Ulwazi Lwangaphambili lunazo zonke izicelo eziyinxalenye yeprojekthi le.




AmaXwebhu Aqulethe Ulwazi Lwangaphambili ayafumaneka kule webhsayithi ethi
www.dwa.gov.za/mzimvubu/announcement.aspx.


- Kwapapashwa isaziso kumaphephanda amabini alapho endaweni (i-Mthatha Fever kunye ne-Daily Dispatch) kwakunye nakwelinye lephondo (i-The Herald) kubhengeza uVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo Iwale projekthi kwaye kunikezelwa nangeenkukacha zoqhamshelwano khon' ukuze Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo akwazi ukubhalisa njengamaqela achaphazelekayo; kwaze

NOTICE OF AN ENVIRONMENTAL IMPACT ASSESSMENT (EIA) FOR THE MZIMVUBU WATER PROJECT, EASTERN CAPE	
Department of Environmental Affairs Reference (Dam infrastructure): 14/12/16/3/3/2/677, Electricity generation 14/12/16/3/3/2/678, and Road upgrade 14/12/16/3/3/1/1169.	
<p>Notice is hereby given in terms of the National Environmental Management Act (NEMA), 1998 (Act No. 107 of 1998), and the National Water Act (NWA), 1998 (Act No. 36 of 1998), that Environmental Authorisation and a Water Use Licence will be issued by the Department of Environmental Affairs (DEA) for the proposed Mzimvubu Water Project, which is a dam and associated infrastructure, located in the Eastern Cape Province. Given the nature of this project, both scoping and environmental impact assessment procedures will be followed.</p> <p>The Mzimvubu Water Project covers the district municipalities of OR Tambo, Alfred Nzo and Umtata. It is a tributary of the Mzimvuba River, which falls 12 km north-east of the midway point of the Tsoela and Maclear road. The closest villages are Ngqungwane, Caledway and Sipungwe. On the same Tsoela River, downstream of Ntobalinga Dam site, another dam known as the Tsalala Dam will be developed upstream of the Tsalala Falls, will be developed as hydropower scheme. Both dams are to be operated as one integrated scheme. Environmental authorisations will be required for the infrastructure components for the following activities:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Dams; • River Gauging Weirs; • Road re-alignment and upgrading; • Domestic water supply pipelines and reservoirs; • Irrigation pipelines and reservoirs; • Pumping Stations; <p>A Water Use Licence (WUL) is required for the following water uses that will be triggered by the project:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Section 21(a) taking water from a watercourse; • Section 21(b) abstraction of water; • Section 21(c) impeding or diverting the flow of water in a watercourse; • Section 21(d) altering the bed, banks, course or characteristics of a watercourse; • Section 21(e) discharging a waste or water containing waste into a water resource through a pipe, canal, sewer, sea outfall or other conduit; and • Section 21(g) disposal of waste in a manner which may detrimentally impact on a water resource. <p>It is also required that the project complies with the National Environment Management Act, 2008 (Act 107 of 2008) as amended, and the Mineral and Petroleum Resources Development Regulations in GNR 527 of 23 April 2004, the Department of Water Affairs (DWA) has been exempted by virtue of section 76(2) of 25 June 2004 from the application procedures and the application of sections 16(1)(a) and (b) and section 20(1)(a) and (b) of the MPRDA. However, in accordance with section 19(2) of the MPRDA, the DWA is required to compile an Environmental Management Programme (EMP) for approval in terms of the provisions of section 39 (4) of the Act.</p> <p>ILISO Consulting (Pty) Ltd has been appointed by the DWA to undertake the EIA and to conduct public participation in accordance with section 39(1) of the Act. Interested and affected parties are invited to register as interested and affected party (IAP) by contacting Kim Dahlgren.</p> <p>Kim Dahlgren ILISO Consulting (Pty) Ltd PO Box 10000 Highway, 0189</p> <p>Email: Kdm@iliso.co.za Tel: (012) 683 0900 Fax: (012) 683 1865</p> <p style="text-align: right;">ILISO</p>	

- Kwabekwa apho kwiziza izaziso ezinika ulwazi Iwangaphambili oluthe gqaba gqaba malunga neprojekthi le kunye neenkukacha zoqhagamshelwano ukuze Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo akwazi ukucela ulwazi



olungaphezulu kwakunye/okanye ukubhalisa njengamaqela achaphazelekayo. Ezi zaziso zazibhalwe ngesiNgesi kunye nangesiXhosa.



ISigaba Sokuhlela Umsebenzi: Ingxelo malunga noko kufunyenwe xa kusenziwa uphando naxa uluntu luthatha inxaxheba ukuza kufika ngoku

Ingxelo Yokuggibela Yokuhlela Umsebenzi yaye yangenisa kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ngomhla we-13 Juni 2014. Le ngxelo iqulethe ulwazi olwahlukeneyo malunga neProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu. Olu Iwazi luquka ulwazi malunga nomthetho kwakunye nezikhokelo ezazithe zaqwalaselwa, intshayelelo ebanzi kwakunye nenkcazelu ngemisebenzi ecetywayo, indlela ezingezinye zokwenza izinto eziqwelaselwayo, imiba ephambili echongiweyo, kuquka isishwankathelo esifutshane malunga nemiba ephambili esaza kuphandwa ngokubanzi ngexesha lesigaba soVavanyo Lwempembelelo, ukuthatha inxaxheba koluntu ukuza kufika ngoku kwakunye neengcebiso ukuqhubela phambili.

a) Umthetho kunye neZikhokelo

UVavanyo Lwempembelelo kokuSingqongileyo luquka uvavanyo oludingekayo ukuze kukwazi ukwenziwa izicelo zezi zigunyaziso zilandelayo zeProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu:

- IMvume Yokusetyenziswa Kwamanzi;
- Ukwamkelwa kweNkqubo Yolawulo lokusiNgqongileyo yeendawo ekuza kombiwa kuzo kunye neekwari;
- Imvume zezinto ezingamagugu esizwe;
- IMvume Yolawulo Lwenkunkuma (kunokwenzeka idingeke); kunye
- Nemvume yokususwa kwemithi ekhuselweyo.

esemazantsi-ntshona; kunye

- neNgingqi kaMasipala wase-Alfred Nzo esempuma nasemantla-mpuma.

Isiza esicetywayo seDama laseNtabelanga sikwindawo emalunga neekhilomitha ezingama-25 empuma kwedolophu yaseMaclear nasemantla kweNdlela engu-R396 kwaye siza kunikezela ngamanzi aselwayo kubantu abangama-539 000, nanani elo liza kwenyuka liye kufika kubantu abangama-730 000 ngo-2050. Isiza esicetywayo seDama laselLalini sona sikwindawo emalunga neekhilomitha ezili-17 emantla-ntshona edolophu encinci yakuTsolo. Zozibini ezi ziza zikuMlumbo iTsitsa.


Kuza kubakho umzi-mveliso omncinci woveliso lombane kwiDama laseNtabelanga oza kuvelisa umbane ophakathi kwe-0.75 MW kunye ne-5 MW (umyinge okwi-2.1 MW). Oku kuza kuquka umbhobho ohamba amanzi angekacocwa ukusuka edamini ukuya kwisakhiwo esineenjini zokuvvelisa umbane kunye nezinye izixhobo ezinxulumene noko, kwakunye nombhobho okhuphela ngaphandle obuyela emva emlanjeni ngezantsana nje kodonga lwedama.

b) Inkcazelu ngemisebenzi ecetywayo

Umda weprojekthi uhamba kwiiNgingqi zikaMasipala ezintathu:

- iNgingqi kaMasipala waseJoe Gqabi esemantla-ntshona;
- iNgingqi kaMasipala wase-OR Tambo

Umzi-mveliso woveliso lombane emazantsi eDama elicetywayo laseLalini (lisetyenziswa ndawonye neDama laseNtabelanga) uza kuvelisa umbane okumyinge we-30 MW xa usetyenziswa njengeskhlulo soveliso lombane osisiseko kwanombane ofikelela kwi-180 MW xa usetyenziswa njengeskhlulo soveliso esenyukayo. Lo mzi-mveliso wombane uza kudinga umbhobho weengingo zombane/itonela emalunga neekhilomitha ezisi-7 ehlanganisa idama kunye nomzi-mveliso lo kumwonyo osemazantsi kwedama.



c) Lindlela Ezingezinye

Uphando olungaphambili olwalwenziwe kwisigaba sokuqwalaselwa amathuba okuphumelela kweprojekthi le Iwaye lajonga ezinye iziza zamadama ezinokuthi zisetyenziswe kule projekthi. Olu vavanyo lwathi lwaqwalaselwa futhi kwafumaniseka ukuba lonele ngokweemfuno zoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo. Akukho phando lungolunye nolungaphezulu oluza kwensiwa ke kwiza ezingezinye zamadama kwisigaba sovavanyo lwempembelelo solu phando. La manqanaba angamanye eprojekthi alandelayo aza kuvavanya:

- lindawo ezintathu zemibhobho yeengingo zombane/itonela zoveliso lombane kwakunye neentambo zombane ezihambelana nayo;
- Uveliso lombane olwenyukayo xa kuthelekiswa noveliso lombane osisiseko;
- Ubukhulu obahlukeneyo obuthathu beDama laseLalini; kunye
- Nalapho kungekho projekthi ikhoyo.

Kwiindawo eziza kuhamba imibhobho yamanzi kunye nakwiindela ezintsha iingcali ziza kujonga ukuba zeziphi na iindawo ezibuthathaka kuze kucetyiswe kwiqela lezobuchwepheshes ukuba ziphetshwe ezi ndawo.

d) Imiba ephambili

Eyona njongo iphambili yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo kukuba kukwazi ukunikezwa ulwazi oludingekayo kwigunya elifanelekileyo ukuze igunya elo likwazi ukwenza isiggibo malunga nokuba iprojekthi le kumele igunyazwe na okanye hayi, ukuba ngaba iyagunyazwa kujongwe imiqathango egunyazwa ngaphantsi kwayo. Injongo yokuchonga imiba ephambili ngexesha lesigaba sokuhlela umsebenzi kukuba uphando olwenziyayo lweengcali lugxininise koko kufanelekileyo futhi uvavanyo lwempembelelo lugxininise kwimiba leyo kwanakwiimpembelelo ezizezona zibalulekileyo xa kusenziwa isiggibo sokugunyazisa kananjalo kubekwa imiqathango.

Nantsi imiba ephambili eza kuqwalaselwa kuVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo:

- Impembelelo kwizityalo nakwizilwanyana;
- Impembelelo emilanjeni nakwimigxobhizo;
- Ukuqinisekiswa kokuba akhona amanzi agcinwayo emazantsi kwesiza saseLalini;
- Impembelelo kwezentalalo;
- Impembelelo kwezoqoqosho;
- Impembelelo kwizinto ezingamagugu esizwe, kuquka nophando ngezidalwa zamandulo; kunye
- Nempebblelo kwimbonakalo.

e) Ukuthatha inxaxheba koluntu

Ingxelo yokuqala yokuhlela umsebenzi yafumaneka kuMaqela Anomdla Nabandakanyekayo ixesha eliziintsku ezingama-30 lokuba uluntu lukwazi ukuvakalisa izimvo zalo, ukusuka ngomhla we-9 Meyi 2014 ukuya kutsho ngowe-9 Juni 2014.

Amaxwebhu aprintiwego eNgxelo Yokuqala Yokuhlela Umsebenzi ayefumaneka kwezi ndawo zilandelayo:

- Ithala Leencwadi eliseMonti (East London Central Library);
- KwiDyunesithi yaseWalter Sisulu, eMthatha;
- KuMasipala Wendawo waseMhlontlo, kuTsolo;
- KuMasipala Wendawo waseMhlontlo, kuQumbu;

- nakwiSikolo Samabanga saseSiqhungqwini.



Ngaphezu kwexesha lokuba uluntu lungenise izimvo zalo, kwabanjwa neentlanganiso ezintathu ngeveki yomhla we-12 Meyi 2014 kufutshane nesiza esicetywayo seDama laseNtabelanga, kuTsolo naseLalini. Injongo yezi ntlanganiso yayikukuba nengxoxo kune nabahlali, ukunikezela ngolwazi kwanokunika amaqela achaphazelekayo ithuba lokuvakalisa izimvo zavo kwanezo zinto bangavumelaniyo nazo.



Ngomhla wama-28 Meyi 2014 kwabanjwa intlanganiso yeForam Yabasemagunyeni ukwazisa amasebe awohlukeneyo kaRhulumente abandakanyekayo malunga neprojekthi le kwakunye nezo zinto zifumanekе

Asezantsi kwiNgxelo Yokuqala Yokuhlela Umsebenzi, kwakunye nokufumana izimvo zaho ngokunxulumene nengxelo le yokuqala.

Izimvo ezathi zaphakanyiswa ngamaqela achaphazelekayo zaye zashicilelwa kwiNgxelo Yemiba Neempendulo zaza zafakwa kwezo ndawo zifanelekileyo kwiNgxelo Yokugqibela Yokuhlela Umsebenzi.

f) Isiphelo kune neeNgcebiso

Injongo yeProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu kukuphucula ezentlalo kune nezoqoqosho kwiindawo zokuhlala ezingaphuhliswanga kwanezihluphekayo ezikule ndawo. Oku kuza kuphunyezwa ngezi ndlela zilandelayo:

- Izibonelelo zonikezelo kwiimfuno zamanzi asezindlini nakwiindawo zoshishino;
- Izibonelelo zonikezelo zolimo lonkencenkeshelo;
- Ukuveliswa kombane; kune
- Nokwakhiwa kwamathuba emisebenzi yethutyana nesisigxina.

Iprojekthi le ineempembelelo ezintle nezingentlanga. limpembelelo eziphambili ezinokuthi zibekho kokusingqongileyo sele ziboniwe kwaye ziza kuphandwa ziwalaselwe ngokubanzi kwiSigaba Sovavanyo Lwempembelelo.

Ingxelo epheleleyo Yokugqibela Yokuhlela Umsebenzi kuquka neZishwankathelo zeengxelo Zokuqala ziayfumaneka kule webhsayithi ethi www.dwa.gov.za/mzimvubu/scoping.aspx ngesiNgesi nangesiXhosa.

ISigaba soVavanyo Lwempembelelo: Yintoni elandelayo?

Ngomhla we-15 Julai 2014 iNgxelo Yokuhlela uMsebenzi iye yamkelwa liSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo kuquka nemiqathango ethile ekufanele ifezekiswe ngexesha lesigaba soVavanyo Lwempembelelo.

Iziqulatho zeNgxelo Yovavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo ziza kuba njengoko kumiselwe kwiMimiselo Yovavanyo Lwempembelelo

kokusiNgqongileyo, ka-2010 (uMmiselo 31(2)) kwaye ziza kusetyenziswa ukuqulunqa iNgxelo Yokuhlela Umsebenzi, kugxininiswe nangakumbi ekukhangeleni iimpembelelo ezimandla, ukukhangela ubunzulu bezo mpembelelo, kwanokunika iingcebiso malunga neendlela ezifanelekileyo zokwehlisa iimpembelelo ezingentlanga kwakunye nokonyusa iinzuzo.

Eminye imiba ephambili eyathi yabonwa ngexesha leSigaba Sokuhlela Umsebenzi iza kudinga uphando olungaphezulu oluza kuthi lwenziwe ziingcali eziqeleshwe ngokufanelekileyo nezinamava. Olu phando luza kuhlanganiswa luze kananjalo ludityaniswe kuvavanyo Lwempembelelo ngokubanzi (iingxelo ezizeleyo ziza kufakwa njengezihlomelo kwiNgxelo Yovavanyo iMimiselo Yovavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo (ka-2010) yeNkubo Yokubandakanya wa Nokuthatha Inxaxheba Koluntu ziza kulandelwa. Kuza kusetyenziswa iinqobo eziphambili zokwenza izinto zoMbutho kaZweloneke Wokubandakanya wa Koluntu, kuquka iindlela ezithile ezifana neentlanganiso ezingaphezulu zamaqela awenza umsebenzi, ukusetyenziswa kwabaququzeleli bendawo ezintlanganisweni, kunye nokuguqulelwa kwamaxwebhu, izaziso kunye neeleta ezizizaziso ukusuka kwisiNgesi ukuya kwisiXhosa.

ILISO liza kuqhubeka nokusoloko lisenza ingxelo

Lwempembelelo kokusiNgqongileyo), zize iingcebiso ngokunxulumene nokwehlisa impembelelo zifakwe kwiNkubo Yolawulo lokusiNgqongileyo.

a) **Ukuthatha inxaxheba koluntu okusaza kwenzeka**

limfuno zoMthetho kaZweloneke woLawulo lokusiNgqongileyo,

kumaqela achaphazelekayo ngelixa lonke lokuba iqhubeka inkubo le. Uluntu kunye naMaqela Anomda Nabandakanyekayo baza kwaziswa malunga nokufumaneka kweNgxelo Yokuqala Yovavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo (ngokuthi kuthunyelwe isaziso esibhaliweyo kumaqela achaphazelekayo abhalisileyo), kwanangesigqibo sabasemagunyeni kwakunye nangenqubo yokubhena ngokunxulumene nezicelo ezahlukeneyo (ngokuthi kupapashwe isaziso kumaphephandaba kwanangokuthumela isaziso esibhaliweyo kumaqela achaphazelekayo abhalisileyo).

Incwadana yeendaba yesi-4 iza kuqulatha oko kuthe kwafunyanwa kwiNgxelo Yovavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo.

linkcukacha ezingaphezulu

Abantu Ekungaqhagamshelwana Nabo:

ISebe Lemicimbi Yamanzi Igatya loLawulo: Uhlalutyo Lweendlela Ezahlukeneyo

KwiSakhiwo iSedibeng

185 Frances Baard Street

Pretoria

0001

Umnxeba: 012 336 6838; Ifeksi: 012 336 7399

Qhagamshelana no-Mnu M Mugumo mugumom@dwa.gov.za



Umcebisi Ngokusingqongileyo

ILISO Consulting (Pty) Ltd

PO Box 68735

Highveld, Centurion

0169

Umnxeba: 012 685 0900; Ifeksi: 012 665 1886

Qhagamshelana no-Terry Calmeyer terry@iliso.com

Amaxwebhu kunye neeNgxelo:

Ukufumana ulwazi olungaphezulu kwakunye nawo onke amaxwebhu asele ekhona ukuza kufika ngoku yiya kule webhsayithi ethi www.dwa.gov.za/Mzimvubu